



Inombolo yefayili: 20/3/10/1/5
Isalathiso: 20230322-2817

INGcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lweeMviwo: 0009/2023

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli aBaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharithulam, kuBaphathi beeSeekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo nakwiiNtloko zamaziko okubhalela iimviwo karhulumente nawezikolo ezizimeleyo

ISihloko: Ukuhlolwa kwamaziko okubhalela iimviwo karhulumente nazimeleyo ekuya kubhalelwa kuwo iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke/zeSatifikethi seMatriki ngo-2023

1. NgokoMmiselo 27(2) we-Regulations Pertaining to the Conduct, Administration and Management of the National Senior Certificate examination, epapashwe kwiGazethi kaRhulumente No. 37651 ye-16 Meyi 2014, "Onke amaziko okubhalela iimviwo amele ukuhlolwa (evaluated) ligosa lequmrhu lovavanyo, ukungqinisisa ukuba zonke iifasilithi eziyimfuneko zokuqhutywa kweemviwo ziyafumaneka kwiziko elo".
2. Iinqununu mazingenise ingxelo yokuzivavanya qho ngonyaka, ngokuzalisa isixhobo sokuhlola amaziko seSebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe iWCED) esibonisa ukulungela kwalo iziko ukubhalisela iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (NSC)/ezeSatifikethi seMatriki (SC)). Isixhobo sokuhlola amaziko masizaliswe kwikhompyutha yaye sinokufunyanwa kwi-CEMIS phantsi kwemenyu: Exams/Assessments, Exam centre audit instrument.
3. Phambi kokuzalisa isixhobo i-audit instrument sango-2023, iinqununu kufuneka zithathele ingqalelo iingcebiso nemiba eyinkxalabo ephakanyiswe ngabaphathi beseekethe, ngabaququzeleli boVavanyo nangumququzeleli oyi-provincial audit coordinator malunga nesixhobo i-audit instrument esizalisiweyo sango-2022 kwi-CEMIS. Oku kuya kukhokelela ekubeni kuthathwe amanyathelo ayimfuneko okulungisa imiba eyingxaki ukuqinisekisa ukuba indawo yokubhalela iimviwo ikulungiselelwe ngokupheleleyo ukuthobela iimfuno zeSebe leMfundo esiSiseko nezeSebe iWCED zendawo yokugcina izixhobo zeemviwo neyokubhalela iimviwo.

4. **Zonke izikolo** ezibhalisa iimviwo zeNSC/zeSC zango-2023 mazizalise isixhobo i-*electronic audit instrument*. Umhla omisiweyo wokuzaliswa kwesixhobo esikwikhompyutha i-*electronic audit instrument*, nguLwesihlanu **wama-23 Juni 2023**.
5. Isixhobo esizalisiweyo kwikhompyutha (*electronic audit instrument*) masisayinelwe kwi-CEMIS yinqununu nangumphathi wesekethe.
6. Abaphathi beesekethe mabaqinisekise ukuba iziphumo zokuhlolwa kwamaziko zingeniswa kumagosa ezithili achanekileyo ukwenzela ukuba azithathele ingqalelo ngokujongana nemiba esilelayo.
7. Kwiimeko apho kuqatshelwe ukungathotyelwanga kweemfuno okanye ukungathotyelwa kwenxalenye yeemfuno ze*Mimiselo*, iNtloko yeeMviwo yeSebe iWCED ingayinqumamisa imo yokuvunywa kwesikolo njengendawo yokubhalela iimviwo ngalo lonke ithuba okanye inxenye yethuba leemviwo ukwenzela lo mjikelo weemviwo wangoku.
8. Kwiimeko ezilolu hlobo, iSebe iWCED liya kuba nelungelo lokulawula uxanduva neenkqubo zokwenziwa komsebenzi kwiziko lokubhalela iimviwo ukuqinisekisa ukuthotyelwa kwe*Mimiselo*, kwiziko lokubhalela iimviwo.
9. Iziko lokubhalela iimviwo ngalinye malifake kwikhompyutha isatifikethi i-*Health and Safety certificate* esisemthethweni nesatifikethi i-*Fire Equipment Service Certificate* xa lingenisa isixhobo i-*electronic audit instrument*.
10. Kukhunjuzwa iinqununu nabaphathi beesekethe ukuba ngezi khayitheriya zokhuseleko zintlanu zizezona zisezantsi zilandelayo, ukongeza kula manyathelo okhuseleko angamanye nekufuneka zisetyenziswe kuwo onke amaziko okubhalela iimviwo:
- 10.1 Isistim yokutshixa ngokuphindwe kabini, njengomgaqo wokutshixa ngokuphindwe kabini kufuneka iphunyezwe.**
- 10.2 Abagcini bezitshixo, ngokubhekiselele kwisistim yokutshixa ngokuphindwe kabini mababe ngamalungu eKomiti yoLawulo yeSikolo.**
- 10.3 Unogada wokhuseleko makabekhona ukulawula ukungena nokuphuma kumasango ngethuba lokubhalwa kweemviwo.**
- 10.4 Iziko lokubhalela iimviwo malibe negumbi elinqatyisiweyo.**
- 10.5 Igumbi elinqatyisiweyo malibe nendawo yokugcina izixhobo zokubhala iimviwo.**
11. Amagosa eSebe iWCED aya kuqhagamshelana nezikolo ukulungiselela umhla nexesha lokuba iziko lokubhalela iimviwo lingqinise ingcaciso esayinelwe yinqununu nangabaphathi beesekethe.

12. Utyelelo lokuhlolwa kwamaziko luya kuqhutywa ukusulela ngoJuni ukuya kuSeptemba 2023.
13. Apho kukho izenzo ezphindaphindayo zokophulwa kwayo nayiphi na imigaqo yeemviwo, iziko lokubhalela iimviwo linako ukuyekiswa ukuba liziko lokubhalela iimviwo.
14. Abafundi ababhaliswe kwizikolo ezizimeleyo abasayi kuzifumana izatifikethi ukuba isikolo esizimeleyo asivunywanga ngokusemthethweni ngu-UMALUSI.
15. Ngowama-2022, ezinye izikolo zafumana inkxaso-mali yemeko ezingxamisekileyo ukwenzela ukuba kuthengwe inkonzo yezokhuseleko (*security guarding*) ukulungiselela ukugcinwa ngokhuseleko (*safekeeping*) kwemathiriyeli yeemviwo ze-NSC zangoNovemba. Akukho mali yongezelelweyo ifumanekayo ngowama-2023, kungoko, **izikolo ezingenako ukufezekisa iimfuno ezimiselweyo zendawo yokugcina imathiriyeli yeemviwo zeNSC** zangoNovemba, zinokuyalelwa ukuba zikhethe isikolo esisebumelwaneni njengefasiliti yokugcina imathiriyeli yeemviwo, okanye umgadi wabaviwa oyintloko kungafuneka ukuba ayilande imathiriyeli yeemviwo kwindawo yokugcinwa kwemathiriyeli ekhethiweyo phambi kokuba kuqale iimviwo.
16. Le ngcaciso imfutshane mayifundwe kunye neNgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo loViwo 0006/2023, yomhla we-20 Apreli 2023 (Imimiselo nemigangatho yesefu ekunokungenwa kuyo/yegumbi elinqatyisiweyo lesikolo nokuphathwa kwezitshixo zesefu ekunokungenwa kuyo/zegumbi elinqatyisiweyo).
17. Okuqulethwe yile ngcaciso imfutshane makwaziswe bonke abasebenzi abenza umsebenzi wokusingatha nokulawula iimviwo zeNSC zango-2023 ezikolweni.

ISAYINWE: NGU-H MAHOMED

USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO

UMHLA: 2023-04-24